Isalathiso: 20201013-8753
Inombolo yefayili: 13/16/1/2
Imibuzo: ABaququzeleli boVavanyo beSithili

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweKharityhulam noVavanyo: 0005/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente nezabucala

Isihloko: Inkqubo yovavanyo ka-2020 efakelwe izilungiso yeBakala 9 kwizifundo ii-*technical occupational subjects*

1. Okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kusekelwe kwiSetyhula 04 ka-2020, yowe-29 Septemba 2020, efunyenwe isuka kwiSebe leMfundo esiSiseko likazwelonke (iSebe i*DBE*).

2. ISetyhula yeSebe leMfundo leNtshona Koloni 0018 ka-2020, yowe-03 Agasti 2020, iquke ingcaciso emalunga neenkqubo zovavanyo ezihlaziyiweyo zecandelo leMfundo noQeqesho Jikelele (*General Education and Training band*).

3. KwiziCwangciso zokuFundisa zaqho ngoNyaka (*Annual Teaching Plans*) (*ATPs*) ezihlaziweyo zezifundo zomsebenzi zobugcisa (*technical occupational subjects*)), ugxininiso lubekwa ekufundiseni ikhontenti esisiseko nezakhono ezilungiselela abafundi ilizwe lomsebenzi. Inani lemisebenzi yovavanyo lweziphumo zokufunda (*summative assessment tasks*) iye yancitshiswa kwakhona.

4. Kufuneka kusetyenziswe ezi **mpawu zovavanyo** zilandelayo:

4.1 Mnye kuphela umsebenzi wovavanyo lweziphumo zokufunda ovelayo kwiiKota 3 no-4 kuzo zonke izifundo.

4.2 ***Iilwimi:*** Kuya kunikwa ingqwalaselo eyiyo kuvavanyo lwamacandelo olwimi ahlukeneyo achaziweyo kwii-ATP ezihlaziyiweyo. Nakuba kunjalo, ezinye zezakhono kufuneka

zivavanyelwe iinjongo zovavanyo lokufunda (*formative purposes*) okanye njengamacandelwana ovavanyo lweziphumo zokufunda olunye.

4.3 ***IMathematika****:* Umsebenzi wovavanyo mawusekelwe kwizakhono zokubala okusisiseko, ezokunika intsingiselo nezokucazulula (*computational, interpretation and analytical skills*) ukusuka kwiinkalo zekhontenti nganye ezikhankanywe kwii-*ATP* ezihlaziyiweyo.

4.4 ***IZakhono zoBomi****:* Umsebenzi wovavanyo kufuneka usekelwe kwisethi yezifundo zophando zokuqhubeka kubomi bokwenyani ngekota nganye.

4.5 ***ImiSebenzi yoVavanyo yePrakthikhali (PATs)/yezakhono****:* Kwizifundo apho i*PAT* ifunekayo, abafundi kufuneka babonakalise ubuchule obusisiseko nolwazi kusetyenziso lwezixhobo, inkqubo yokuyilwa nokwenziwa kwezinto (*manufacturing process*) nokhuseleko olunxulumene nesifundo.

4.6 ***Izifundo onokuzikhetha (electives)****:* Ikhontenti ebaluleke gqitha eza kufundiswa ibonisiwe kwii-*ATP* ezihlaziyiweyo nakumsebenzi wovavanyo lweziphumo zokufunda omnye ngekota kufuneka isekelwe kumsebenzi ofundisiweyo kwizifundo ezahlukeneyo.

5. Kuzo zonke izifundo, uvavanyo oluqhubekela esikolweni kwiKota 4 kufuneka luquke umsebenzi weeKota 3 neye-4.

6. Ukubalwa kwamanqaku okupasa okugqibela aya kusekelwa kuVavanyo oluQhubekela eSikolweni olungu-80% ukususela kwiiKota 1 no-3 kunye novavanyo oluqhubekela esikolweni olungu-20% oluqhutywe kwiKota 4.

7. ISetyhula S1 ka-2018, yowe-19 Apreli 2018, nesicwangciso sokwenziwa komsebenzi esiqingqa iBanga leMfundo loBugcisa i-*Technical Occupational Qualification* elisalingwayo, ibhekiselele kubafundi abakwiBakala 9 njengangoku. Iinkcukacha ezingaphezulu ngokumalunga nokukhutshwa kwamakhadi eeripoti abafundi kwiBakala 9 ziya kuchazwa nje ukuba kufunyanwe ingcaciso esuka kwiSebe i*DBE*.

8. Kucelwa iinqununu zezikolo ezichaphazelekileyo ukuba zabelane ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane nootitshala abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2020-10-14